Isalathiso: 20180313-421
12/2/8/25
Imibuzo: D Pillay / F Mitchell

ISetyhula: 0015/2018
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooTitshala

Isishwankathelo esifutshane: *Ubhaliso nokulandelelwa kwabafundi abathatha inxaxheba kwiinkqubo zophuculo lwesikolo nakwimisebenzi eyenziwa emva kweeyure zesikolo.*

Isishwankathelo esifutshane: Ubhaliso nokulandelelwa kwabafundi abathatha inxaxheba kwiinkqubo zophuculo lwesikolo nakwimisebenzi yasemva kweeyure zesikolo kwi*CEMIS*.

1. Uthatho-nxaxheba lwabafundi kwiinkqubo zasemva kweeyure zesikolo nakuphuculo lwesikolo kuqukwa neenkqubo zemfundo nezemidlalo, kunye nemisebenzi yasemva kweeyure zesikolo zikhankanywe njengabona ndoqo baphambili kwinkqubo yephondo yokuzisa utshintsho eyi-*provincial Game Changer programme*.

2. Ukubandakanya abafundi kwiinkqubo okanye kwimisebenzi elolo hlobo, ngokukodwa kwiindawo zasekuhlaleni ezisemngciphekweni ngenxa yokuzinikela kootitshala, iinqununu, namahlakani anobuchule ekwenzeni umsebenzi (*strategic partners*) kwandisa amathuba abafundi okuphila ubomi obuyimpumelelo.

3. Kucelwa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) linike ingxelo yenani labafundi abathatha inxaxheba kwiinkqubo zophuculo lwesikolo nakwimisebenzi yasemva kweeyure zesikolo kwiSebe leMfundo esisiSiseko likazwelonke nakubathathi-nxaxheba abaninzi.

4. Izikolo zibonelela ngeentlobo ngokubanzi zeenkqubo okanye zemisebenzi yophuculo lwesikolo kwaye i*WCED* ayikwazanga kunika datha ichanekileyo apho abafundi bathatha khona inxaxheba kwiinkqubo okanye kwimisebenzi kwaye oku kusenzeka kuphindwa kangaphi.

5. Ukuphucula nokuphumeza ithagethi yayo yokwandisa amanani abafundi abathatha inxaxheba kwiinkqubo ezilolo hlobo, i*WCED* icela izikolo zibhalise abafundi kwiinkqubo

okanye kwimisebenzi eyenziwa zizikolo ngoku kwi*CEMIS*. Iinkqubo okanye imisebenzi icwangciswe yazezi ndidi zilandelayo:

a) Ezemidlalo
b) EzoBugcisa neNkcubeko
c) Iiklabhu kunye nemibutho
d) Imfundo ngezasekuhlaleni noxanduva lokuba ngummi
e) Ezemfundo

6. Nje ukuba abafundi bafumane ukubhaliswa, le fankshini mayivumele isikolo, i*WCED* okanye abathathi-nxaxheba balandelele ukuhanjwa kwesikolo ngabafundi, inkqubo kunye nefuthe leenkqubo okanye lemisebenzi.

7. Ifankshini ekwi*CEMIS* iya kuvumela kwakhona isikolo ukuba:
   a) sinike kwaye sabe ootitshala abasingethe ulawulo lwenkqubo okanye lomsebenzi
   b) sifake ekhompyutheni kwaye silandelele abafundi ababhalwe ngesandla ephepheni okanye ekhompyutheni.

8. I*WCED* inenjongo yokunika inkxaso izikolo ekusingatheni inkqubo yokufaka idatha ekhompyutheni ngokwenza ukuba abaqhelaniswa abaqeqeshiweyo (*trained interns*) bafumaneke ukunceda ekufakeni idatha ekhompyutheni nasekulandeleleni ukuhanjwa kwesikolo kwizikolo ezityunjiweyo.

9. Ukuhamba kwabafundi le nkqubo okanye le misebenzi kunokurekhodwa ngesandla ephepheni kufakwe kwi*CEMIS* emva koko okanye kwenziwe ekhompyutheni ngoko nangoko apho ifumanekayo khona indlela yokungena kwi-intanethi. Ezinye iinkcukacha ezingokuhanjwa kwesikolo ziya kwaziswa kumagosa nasezikolweni kungekudala.

10. Ukusebenzisa ifankshini ekwi*CEMIS* yiya apha:
    a) Ithebhu i-***'Administration'***
    b) Iiprogram ii-***'School Enrichment programmes'***
    c) Kwizikrini ii-***'Capture Screens'***

11. Kucelwa iinqununu zenze ukuba okukule setyhula kube nofumaneka kubo bonke abathathi-nxaxheba ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- A LEWIS
IBAMBELA LENTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2018-03-20